


IINDLELA EZIPHAMBILI EZINGOKULONDOLOZA AMANZI NGAPHAKATHI EZINDLINI

IKapa sele limisele izithintelo zokusetyenziswa kwamanzi. Soloko ulondoloza amanzi ngokuthi uthabathe lamanyathelo aphantsi ongokulondoloza amanzi ngaphakathi ezindlini.




Flasha kuphela amanzi kwigumbi langasese xa kufanelekile. Musa ukulisebenzisa igumbi langasese njengomqomo wenkunkuma. 'Ukuba ugungxulo olo lingumbala otyheli, liyeke ukuba libengumbala ongacacanga (ongekho-ngqindilili). 'Ukuba lingumbala omdaka (ongqindilili), ungalufasha ke ngoko.'




Hlamba kwishawa kangangexesha elifutshane eliyimizuzu emibini. Kungasetyenziswa iintloko zeshawa ezivumelekileyo (ezingalondolozisi-amanzi) zingasebenzisa amanzi aziilitha ezili-16 ngomzuzu.




Qokelela amanzi akho eshawa, okubhafa nakwisitya sokuhlambela kwaye uwasebenzise kwakhona ekuflasheni ugutyulo lakho langasese nasekunkcensheleni igadi nokucoca isithuthi sakho. *




Linda kude ibengumthwalo omkhulu weempahla zokuhlajwa kumatshini wokuhlamba nezitya ngokunjalo. Amanzi okopula kwabanye oomatshini bokuhlamba angasetyenziswa kwakhona kumjikelo olandelayo wokuhlajwa kwempahla.




Sebenzisa ikomityi endaweni yokuvulela iitephu kwigumbi lokuhlamba okanye elisekhitshini xa uhlamba amazinyo, ucheba iindevu, xa usela njalo-njalo.



Kususe ukuqunungana kokutya ngenxa ye-ayisi kusefrijini njalo okanye ukuyeke kuzisukele, ungakubeki emanzini abalekayo.



Sebenzisa intloko yeshawa apho ethi isebenzise amanzi angekho ngaphezulu kweelitha ezilishumi (10l), ngokungqinelana noMthetho kaMasipala weSixeko.



Hlaziya ukuba usebenzise isixhobo sesigungxuleli esimbaxa kwigumbi lakho langasese kwaye okanye ufakelele isixhobo esithi siqokelele amanzi kwitanki lesigungxuleli samanzi apho lingathi lohlule kubini ukusetyenziswa kwamanzi ngokogungxulo ngalunye.



Fakelela iitephu izixokelelwane ezivumela ukuhamba komoya okanye izithinteli ezithi zicuthe ukuhamba kwamanzi okungadlulanga kwiilitha ezintandathu ngomzuzu, ngokungqinelana noMthetho kaMasipala weSixeko.

Nikezela ingxelo ngokumalunga nokugqabhuka kombobho wamanzi ngoku-SMSela u-31373 (umlinganiselo wamagama ali-160) nenkcitho yamanzi kwa: water@capetown.gov.za okanye ufowunele kwa 0860 103 089. (kuthe kubekho intlawulo efanelekileyo nge-SMS nentlawulo efanelekileyo ngokufowunela kwa-0860)

Ukufumana ingcaciso engenye ngokumalunga nolondolozo lwamanzi, izithintelo nokusebenzisa kwakhona ngokukhuselekileyo amanzi asele esetyenzisiwe, ndwendwela kwa: www.capetown.gov.za/thinkwater

***Ukusetyenziswa kwakhona amanzi esele esetyenzisiwe, kunomgcipheko wezempilo nococeko ekufuneka ukuba uthintelwe. Gcina izandla zakho neendawo ezisesichengeni zicocekile, zingenazintsholongwane.**

CINGA NGAMANZI
NAKEKELA OKUNCINANE. YONGA KAKHULU.



**CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD**

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.